




UKhalai uthetha nezityalo

Ursula Nafula
isiXhosa



Lo nguKhalai.
Uneminyaka esixhenxe
ubudala.
Igama lakhe lithetha
ukhuthi 'olungileyo' kulwimi
lwakhe iLubusuku.

UKhalai uyavuka athethe
nomthi weeorenji. “Nceda
mthi weeorenji, khula ube
mkhulu usinike amaorenji
amaninzi avuthiweyo.”





UKhalai uhamba
ngeenyawo ukuya
esikolweni.

Endleleni uthetha nengca.
“Nceda ngca, yiba luhlaza
kakhulu ungomi.”

UKhalai udlula
kwiintyatyambo zasendle.
“Ncedani zintyatyambo,
qhamani ukuze
ndihombise ngani iinwele
zam.”





Esikolweni uKhalai uthetha nomthi osembindini wesakhiwo. “Nceda mthi, khupha amasebe amakhulu ukwenzela sifundele phantsi komthunzi.”

UKhalai uthetha nemithi yokubiyela ejikeleze isikolo sakhe. “Nceda ukhule womelele, unqande abantu abakhohlakeleyo bangangeni.”





Xa uKhalai ebuyela ekhaya
esuka esikolweni,
undwendwela umthi
weeorenji. “Ingaba
awakavuthwa amaorenji
wakho?” uyabuza uKhalai.

“Amaorenji aseluhlaza,”
wanesingqala uKhalai.
“Ndiyakukubona ngomso
mthi weeorenji,” watsho
uKhalai. “Mhlawumbi
uyakube sele unalo iorenji
elivuthiweyo lam.”




UKhalai uthetha nezityalo

Writer: Ursula Nafula

Illustration: Jesse Pietersen

Translated By: Kholeka Mabeta

Language: isiXhosa



© African Storybook Initiative, 2015



This work is licensed under a Creative Commons Attribution
(CC-BY 4.0) Version 4.0 International Licence

Disclaimer: You are free to download, copy, translate or adapt this story and use the illustrations as long as you attribute or credit the original author/s and illustrator/s.

Saide 
South African Institute
for Distance Education

www.africanstorybook.org
A Saide Initiative